

**UNJINGALWAZI MANDLA MAKHANYA, INQUNUNU NENGQONYELA**

**YEYUNIVESITHI YOMZANTSI AFRIKA**

**UKWAMKELWA NOKWAZISWA: GQ SAMAH JABR**

**USUKU LWAMANINA LWAMAZWE NGAMAZWE 2020**

**07 MATSHI 2020**

Enkosi, Mphathinkqubo, Gq Fraser-Moleketi

- UNozakuzaku Sheila Sisulu
- Isithethi sethu sembeko sanamhlanje, uGq Samah Jabr
- Iingxoxi zethu, uNksz Nardos Bekele-Thomas kunye noNksz Linet Gatakaa Miriti
- Ababhali bethu abakhoyo namhlanje: uNksz Natasha Allie; uBaba-Tamana Gqubule noThandiwe Matthews, kunye nompapashi uFébé Potgieter–Gqubule
- Ikwayara i-OWLAG kunye ne-MCK *Special School Marimba Band*
- Zindwendwe ezibekekileyo, manenekazi nani manene

Ndivumeleni nditsho amazwi okwamkela kaGq Fraser-Moleketi kuni nonke.

Ndinebhongo ngokuthi ndiyiNqununu neNgqonyela yeyunivesithi ebaluleke ngokumangalisayo: iYunivesithi yoMzantsi Afrika (iUnisa),

eyiyeyona yunivesithi inkulu kwilizwekazi. Sibhalisa malunga nama-380 000 abafundi eUnisa, uninzi lwabo ngokucacileyo ingamabhinqa. Sikwazinikele ekuqinisekiseni ukuba inani elipheleleyo labasebenzi bethu abangamabhinqa libonakalisa ubulungisa ngokwesini kwaye, ukongeza koko, sibe nokrozo lwamalinge eziko ajonge ekuphuhliseni nasekuxhobiseni amabhinqa – ingakumbi amabhinqa amnyama – kwimfundo yawo ephakamileyo. Ngako oko, ndicinga ukuba kungayinene ukuthi – kwaye ngokwenene kunjalo – ukuba iUnisa ibe izinikele ngokuluqilima kubulungisa ngokwesini nokuxhotyiswa ngokweentetho nangezenzo.

Ngoko ke ndinovuyo ukuba ndibe ndimenyelwe kulo msitho kulo nyaka. Andikwazanga ukuwuzimasa kunyaka ophelileyo ngenxa yokubambeka koko besekulungiselelwe kwangaphambili, kodwa ndenze isithembiso ngaphakathi kum ukuba oku akuzi kwenzeka kulo nyaka – kwaye ngenene ndilapha ngoku! Futhi, njengomvuzo wam, ndinikwe imbeko yokwazisa isithethi sethu sembeko ngale ntsasa. Manditsho nje ukuba – linina eligqwesileyo!

Gq Sabr, mandivume izono zokuba kuye kwanyanzeleka ukuba ndiye “kwiYunivesithi kaGoogle” ukuze ndifunde ngokuthe vetshe ngobomi bakho obudumileyo kwanekhono lakho ngokunjalo. Kodwa, ngokwenene, ndifumene ulwazi olungaphaya endithe ndafumanisa

kwangoko (njengoko kunjalo kumatshantliziyo akrelekrele ngokungaphaya) ukuba ulinina elibalaseleyo nelixakekileyo, kwaye uzinikele kakhulu ekuqondeni, kunye nasekuxhobiseni ngokuqonda, okubonakala ngokucacileyo ukuba yimeko enzima kakhulu, eziphumo zayo kunye nongxwelerheko olunxulunyaniswa kunye nayo luphakathi kwezizukulwana ngezizukulwana kwaye ngokubonakalayo olungalawulekiyo.<sup>1</sup>

Ngako oko ke, mandazise eli nina likrelekrele kangaka.

USamah Jabr uzelwe phakathi kosapho lwakwaJerusalemite ngoAgasti 8, 1976. Wafumana imfundo enomsila eAl-Quds University (eJerusalem) ngowe-2001, njengelungu leqela lokuqala labafundi kwiCandelo lezoNyango. Wafumana uqeqesho olumandla kuphazamisekongqondo eFrance naseUnited Kingdom, kwakunye nakuphando oluphathelene nonyango eUnited States. Wafunda ngokugxila kunyango lwezengqondo kwaye waqeqeshwa *elsrael Psychoanalytic Institute of Jerusalem*. Njengomnye woogqirha bophazamisekongqondo abangama-22 abasebenza eWest Bank, uphakathi kwamanina okuqala angamaPalestina kule mfundo iqeqeshelweyo.

---

<sup>1</sup> [https://en.wikipedia.org/wiki/Samah\\_Jabr](https://en.wikipedia.org/wiki/Samah_Jabr)

UGq Jabr usebenza kwinkonzo njenge *Palestine Medical Director for the Palestinian Medical Education Initiative (i-PMED)*, kwaye usebenza njengogqirha wophazimesekongqondo nowonyango lophazamisekongqondo kumacandelo abucala nakawonkewonke. Ungumbhali ophume izandla, oluthe uphando lwakhe lwapapashwa koolindexsha basePalestina nabamazwe ngamazwe abavavanywe ngabanye ababhali abaphume izandla. Omnye wemisebenzi yakhe eyaziwayo yincwadi epapashiweyo ayibhale kunye nogqirha wophazamisekongqondo kubantwanwana waseMerika, uElizabeth Berger – uphononongo olujolise kudluliselomvakalelo ngumxumi kumnyangi kunye nodluliselomvakalelo ngumnyangi kumxumi kummandla owahluliweyo wakwaSirayeli/Palestina, kwaye enye ijongene nokuphila kunye nempilontle yaMapalestina angenileyo.

UGq Jabr ufundise kwiiyunivesithi ezahlukeneyo zasePalestina kwaye ungumphathi eGeorge Washington University eWashington. Ukongeza ekubeni lilungu lombutho wabafundileyo *iCentre for Science and Policy* kwiYunivesithi yaseCambridge, usebenza njengomcebisi nomqeqeshi e*United Nations' Office on Drugs and Crime (iUNODC)*, ye*Save the Children* and for *Doctors Without Borders (i-MSF)*.

Ulivolontiya *lePublic Committee Against Torture in Israel* (iPCATI), uGq Jabr uncedisa ekumiseleni iingxelo ezisekelwe kubungqina bamaxhoba. Kwidotyumentari *iBeyond the Frontlines: Tales of Resistance and Resilience in Palestine* (Alexandra Dols, 2017, France), uchaza ukuba injongo kukwenza ukuba abenzi bobubi bayazi ukuba izenzo zabo zokuthuthumbisa ziyaziwa, kunikwe iingxelo ngazo kwaye zifayilishwe, ukuze babe nokuphendula. Ngamanye amaxesha ndiyazibuza ukuba ingaba ihlabathi lilonke liyaqonda na indlela esibaluleke ngayo esi senzo sobuntu, kumaxhoba kananjalo. Ngokolwam uluvo, sisenzo sobubele obukhulu nobuthathaka ngokunjalo, esiqonda ixabiso nesidima samaxhoba kwiimeko ezijonge ukuba zenyelise kwawona.

UGq Jabr ukwasisithethi esilangazelelwayo kumaqumrhu amaninzi adumileyo nanempembelelo apho aqondisa abaphulaphuli bakhe ngeengxaki ezisengqondweni ezibangelwa likamva lakho, imingeni kunye nesixhaphaxhapha sentshabalalo kubemi basePalestina ngenxa yomzabalazo wabo wenkululeko oqhubekayo. Ujongana nophazamiseko ngokwasengqondweni ngokuzimeleyo nangokuhlangeneyo kokungena kwaMasirayeli ngokungqina ukuba, ngokwayamene nezimvo zikaFanon, omnye wemingeni engundoqo yomzabalazo wasePalestina wokukhululwa kwesizwe sisidingo sokwakha "ukuqonda ngokuphathelele engqondweni kunye

nesithethe esinokukhulula iingqondo zabantu, ngokufana ncam nenkululeko kwezomhlaba".

UGq Jabr rhoqo uba kwiinkqubo zokuthetha kunomathotholo apho axoxa ngezihloko ezahlukileyo, ukuquka impilo ngokuphathelele kwezengqondo, amalungelo abantu abanezidingo ezizodwa, ukucalucalulwa nokuphathwa gadalala, kwaye ungumbhalimihlathi kumaphephandaba. Uhlonitshwe jikelele ngokunikwa imbasa ngemfundo yakhe ephakamileyo nangakupapashileyo – ubungqina obufanelekileyo benina elikrelekrele.

Gq Jabr, umsebenzi wakho wokusebenzisa ingqondo nokwakha kwakhona kwezi meko zongquzulwano ubaluleke ngokumangalisayo, kangangokuba siyaziva izingqi zako kwihlabathi liphela – kwaye ingakumbi kanye kanye apha, eMzantsi Afrika. Kwaye ke ngoko, siziva sineqhayiya ngokuba usabelana nathi ngezinye zeengqiqo zakho apha namhlanje. Silangazelela oko uza kwabelana ngako nathi ngale ntsasa.

Enkosi.